UMTETELI WA BANTU, JOHANNESBURG, MAY 2ND, 1925.

# Hambani ! Niyekuzenza Abafundi Zonke Intlanga ! !

## Mateyu 28: 19—20

### Yimbongikazi yakwa "Chizama"

Sifunde ntonina ke tina kube lungu ?
Kuba kule vangeli kaMateyu kutetwa ngemfundiso ye Lizwi ; noko yika u [Tixo :
Kwaye ke, le sinayo tina imfundiso, nesiyibonayo, ayixeli konkena ukuba sinolwazi nge Lizwi lika Tixo, kwa nakoyika ngaye :
Taru mhleli ngesituba sezi mbongi
Ndiko noko ndingumfana andimbongi
Nditand' ukuhlala nje pezulu mhleli
Kubandilwa ngombane induku zihleli.

Hambani nifundise zonke intlanga
Sifunde ntoni ke ngapantsi kwe langa
Kufabantu betu lemkizwe nezizwe
Makavuke ke nobesiti kulelwe.

Watsho no Maqoma kwatiw' uya- [geza
Kub'engazingeni into zobugeza
Nazinyatelana nentombi zezwe lenu
Zanga mak'obokana ezweni lenu ?

Sifunde ntonina ngapantsi kwelanga
Nge bhaibhile zabo kauxele ke ntanga
Zay'konxa i Afrika ngamakamandela
Nango mbhay'mbhay' mipu, zayika- [hlela.
U kafile makafe singama Britani
Tina sonihluta intlaka emlonyeni
Ngaw'tete ngelidala ngelika Hintsa
Amagama enkosi ayandipazamisa.

Sifunde ntonina ngapantsi kwe langa
Nge bhaibhile zabo ngaw 'xele ke [ntanga
U kafile makafe singama Britani
Itole lemfene likula esizini.

Sidlala ngo Tixo ngendlela emanyama
Nobu hede'ne ngenyani busahluma
Wagutyungelwa yeha ndlu emnyama
Izwe loyihlo ligquma zi nyikima.
Kudala zingoza sibona madoda
Kudala kufiwa sisiva madoda
Sibona kupela igaz' ebantwini
Nezwi lika Tixo likwa seluhlwini
Yin'nale !

Sifunde ntonina ke ngoku kube lungu
Nge bhaibhile zabo sapuke amalungu
Izwe selimfusa ayawa amago'ra
Izwe lo bawo namhla lizingxondor'a

Intshaba zetu zatabata nembiza
Kwanezitshetshe nezitya zokutshiza
Nenkamba zonke kwanemihlakulwana
Yezizukulwana—kwizizukulwana
Izililo bo !

Zaduda zinetemba lezi bhalo
Lahlani pantsi eyenu imibhalo
Kodwa nanamhla sengati sizinunu
Izwe lobawo ligquma zinkanunu
Izililo bo !

Taru Afrika zwe lombango mbuso
Zincinane nendaba eziyinyaniso
Make sikumbule ke imihla yo bawo
Siwabandeze Iamanxiwa o Tshiwo
Camagu !